

Mirror Study Bhayibhile

I-Mirror 'Study' Bhayibhile yinguqulelo evakaliswe nethatyathwe kumbhalo wokuqala. Lo gama kulandelwe ngocoselelo intsingiselo ethe ngqo kuqobo lwesibhalo, izivakalisi zakhiwe ngendlela apha yokuba ububanzi bentsingiselo buqhubeke nokugxininiswa ngalo ubhalo olwandisiweyo. Ubhalo olushicilelwe ngokukekeleyo lubandakanyiwe ukuchuba kunye nokucacisa. Olu lufundo oluvakaliswe ngandlela yimbi futhi yalutoliko

olulula endaweni yenguqulelo ethe ngqo. Iinkalo zonke zengcombolo yegama ngalinye lesiGrike zifundiwe ngeyona nkathalo. Oko kwenzelwe ukukhawulelana kunye nokungqiyama nomxholo onguwona wesahluko sonke ebubanzini bencwadi iyonke- Ingalityalwanga inyaniso yokuba uYesu ukoko iziBhalo zingako konke, kwaye kwangaxesha-nye uluntu nalo lukoko uYesu angako konke. Ukunceda umfundi esifundweni sakhe, ndayamanise kwaye ndangqamanisa igama lesiGrike (ndithabathela esiNgesini) nelo lesiXhosa. Olo bhalo wolibona kumagqabantshintshi abhalwe ngokukekeleyo. Le nto yenzelwe ukuba kubekho uqhathaniso oluthe ngqo lwamagama kwezi lwimi zimbini.

Mandulo ndaguqulela iincwadi zikaPawulosi ekuthiwa ukubizwa kwazo, yiRuach Translation, kodwa ke azizange zipapashwe. Ngonyaka wa-2007 ndaqalisa ngayo le-Nguqulelo iMirror. Lona ngumsebenzi oqhubekekayo kwaye ekugqibeleni uyakubandakanya zonke iincwadi zeTestamente Entsha kunye nengxenye yeencwadi zeTestamente e-Ndala. Ezigqityiweyo iincwadi ukuza kuthi ga ngoku (2019 eyoMqungu) zezi: Ivangeli ngokubhalwa nguYohane; AmaRoma; AbaseKorinte bokuqala; AbaseKorinte besibini; AmaGalati; AbaseEfese; AbaseFiliphi; AbaseKolose; AbaseTesalonika bokuqala; uTimoti wesibini; uTito; AmaHebhere; James; uPetros wokuqala isahluko 1& 2; uPetros wesibini isahluko 1; uYohane wokuqala kunye neNcwadi yesi-Tyhilelo.

www.mirrorword.net

978-0-9922302-8-9 ISBN

© Copyright Francois du Toit 2012

Abayivumelayo

Ekuphononogeni nayiphi na inguqulelo yeSibhalo kunika lowo ithuba lokuva ulwimi kunye neengcinga zoMenzi wethu, zihlengwe kulo utoliko kunye nolwimi lomguquleli. (Iwabaguquleli) Kule nguqulelo ihlaziyekileyo, uFrancois du Toit uze wavulela ukhuselo abafundi bayo nayiphi na iminyaka, nakweyiphi na inkcubeko okanye olwimi, ukuba bonwabele olumangalisayo ulwazi kulo ungongozo lwentliziyo ye-Agape-apho bonke baziva bethandwa ngokulinganayo; bebandakanywe ngokulinganayo kwaye bexatyiswe ngokulingana emehlweni kaTata, futhi behlangulelwe kulo umanyano esisuka kulo!

I- Mirror igxininisa inyaniso yokuba asiqalanga nje esizalweni sikamama wethu, kodwa siluveliso kunye noluvo lukaThixo. Ukuba nawo ngoku lo msebenzi nasesiXhoseni kuya kuphawula elitsha ilixa kubadala kunye nakubanci ukuba bafumanise kwakho iBhayibhile ngokuhlaziyekileyo.

Atshi-Bhishop DESMOND TUTU Legacy foundation

I-Mirror Bhayibhile yeguqulayo kwaye inobulula inguqulelo, incakasana, ingcombolo kwaye iyaqondakala- lo gama ithwebulayo ikwachontsiza esitsal'umxhelw'isityhilelo somoya. Igwel'ulwazi lobuthixo futhi yeyelixesha. Kumelwe ukuba ifundwe, isisikhokelo esifunekayo kunye nemanywali kumaqhela onke eminyaka kwaye ikulungele ukusetyenziswa kwizifundo zeBhayibhile; ekucamngceni; ekukhonzeni;

Abayivumelayo

kunqulo kunye nasekufuniseni nasebufundini. UYesu Krestu ungusingaye wobhalo lonke.

Amakholwa awasayi kuwuphosa umbindi wenguqulelo nanjengoba kukho efinyeziweyo kunye nechuliweyo intambo ekhokhela kotyhilayo kunye nohlangulayo uKrestu. Abangakholwayo bayakufumana okungenakufaniswa nanto ukuphumla esibhalweni nanjengoba befumana ukutsalwa yinene kunye nolungangenwa moya usondelo lukaKrestu.

Ngokona kuqiniseka le Nguqulelo yenik'ubomi kwaye ikwaguqula kananjalo. Ngokuthobekileyo ndiqononondisekile ukuba uFrancois ukhethwe nguThixo ukukhonza esi sizukulwana kunye nesizayo ngenyaniso engangxengwanga, kanye phakathi kwezinkwalambiso ezingaqondakaliyo, phakathi kweemfundiso ezibuxoki kunye notoliko oluhamba namasiko kunye nobucawa beli hlabathi, ntw'ezo ezize zasiphambukisa enyanisweni.

I-Mirror Bhayibhile lulwamkeleko mbuleko kunye nophuhliso nguqu oluvunywe bubuthixo, noluvuselelweyo futhi lakhokelwa. Le nguqulelo ngaphandle kwentandabuzo lubhentsiso olufingayo kunye neyona nqoba yenkulungwane yethu. Uzuko kuThixo.

Rev. ANOUYA ANDREW MUCHECHETERE, MBA, MA, former General Secretary of the Evangelical Fellowship of Zimbabwe.

Intshayelelo yencwadi yabaseEfese

Ngobunkunkqele obucace gca bobumbongi, uPawulosi wendlala umyalezo wemfihlakalo kaKrestu njengomele uluntu. Uneyona ntshisakalo emithandazweni kunye naseminqwenezi yakhe ngabo bonke ukuze babone unxulumaniso olupheleleyo lwabo kuKrestu. UThixo wasifumana kuye uKrestu phambi kokuba silahleke ku-Adam.

1:10 Kwi-ikhonomi yokuzaliseka kwexesha, yonke into ishwankatheleka kuKrestu; konke oko kusemazulwini kunye nako konke oko kusemhlabeni kuxolelaniswe kuye.

Akaliboni izulu njengendawo ethe qelele kuthi, ukuba sizame senz' unako-nako wokufikelela. Kodwa akubonayo yindlela uThixo asele ethululele ngayo ngokuphelelisileyo zonke iintsikelelo amazulu ebenazo phezu kwethu kuKrestu. Kulapho sithabathela khona! Savuswa kunye kwaye sihleliswe kunye naye uKrestu kwezisemazulwini iindawo ukuqala! Kude lee phambi kokuba namnye, kodwa uThixo wakholelwa ukuba savuselwa ebomini kunye noKrestu, "Ndingqwenela ukuba nazi ngesityhilelo oko kudala ekwazi ngani wonke lo gama! Ndiyathandaza ukuba iingcinga zenu ziphuphunyelwe kukukhanya nolwazi oluvuselelweyo."

2:10 Siveliswe lulwaxhiwo lwakhe, wasibumbela kwaye wasenzela kuKrestu. Singumsebenzi wezandla zakhe, singumbongo wakhe.

Intshayelelo yencwadi yabaseEfese

Ngokugcweleyo sikulungele ukwenza okulungileyo, sixhotyisiwe ukunika ubungqina obunomtsalane kumfanekiso wakhe okuthi kuyo yonke into esiyenzayo.

3:4 Ekuleseni lamagama nakugqala-niqonde ulwazi lwam kwimfihlakalo kaKrestu.

3:20 Siyambhiyoza lowo usivuthisa ngamandla ukusuka ngaphakathi. Isicelo sethu esikhulu okanye elona limangalisayo iphupha alinakuqhathaniswa nobubhadlalala bomlinganiselo weengcinga zakhe ngakuthi.

4:7 Isipho sikaKrestu sinika ibakala kubabalo kwaye sichaza ixabiso lethu ngamnye.

4:23 Yenziwani batsha kwingqondo yenu kamoya! Kuya kunenza niguqulwe kwindlela enicinga ngayo ngeziqo zenu!

4:15 Uthando lunika inyaniso ilizwi layo. Intetho evuselelwa yinyaniso idala imo yendawo apho ukukhula kuzenzekelayo kwaye kungenakuthintelwa. Umntu wonke kubhekiswa kuye kuKrestu lowo uyintloko yomzimba, uluqukumbelo lonxibelelwano lukaThixo nomntu.

4:16 Kuye kuphokoka ubhalo ngqangi kunye nenkcukacha yengqaleko yethu njengamagama ethungelen'embongweni, (njengombhexeshi womculo, epichoregeo) eqhagamshela isaleko phezu kwesaleko ukufez'imvano, elandel'isingqi

Intshayelelo yencwadi yabaseEfese

seengcinga zakhe njengomzila weenyawo (phezu kwesanti). Lo gama umzimba uphuhla kakuhle kwaye ugadlela ngamandl'othando. Lonke uveliso ngobunye lufumana umlinganiselo walo opheleleyo apho.

4:21 Akwenzeki ukufunda uKrestu kuwo nawuphi na umxholo, ungowabayinyama, mve ehlokoma kuwe ngaphakathi! Inyaniso ngawe inesingqiniso sayo sokugqibela kuYesu.

Akazelanga ukwazisa ngemithetho emitsha eyeke-yeke, akangomzekelo kuthi, kodwa ungumzekelo wethu!

5:14 Lo ngumyalezo wokukhanya, uKrestu uyakuphaphamisa emnxilweni wokozele kwaye uyakuvusa kungibe wokufa wemifuziselo yeengcinga ezikhobokisiweyo.

Isahluko 1

1:1 Pawulosi, oqeshwe yechwayitileyo ingqibo kaThixo noyalelwe ukumela uYesu Krestu kubangcwele baseEfese, kunye nakuliphi na ikholwa elikuye uKrestu Yesu,

1:2 Ndinibulisa ngobabalo noxolo eliphuma kuThixo uTata nakwiNkosi uYesu Krestu.

1:3 Masimbhiyozeleni uThixo! Uthululele yonke intsikelelo ebelinayo izulu phezu kwethu kuKrestu!

1:4 Wasinxulumanisa kuKrestu phambi kokuwa kwehlabathi! UYesu yingqodo kaThixo, leyo igcwele thina! Wayesoloko esazi eluthandweni lwakhe ukuba wosibonisa kwakhona ubuso-ngobuso phambi kwakhe ebumsulweni obungenakutyholwa. *(Kwa ntsingiselo ephathelene nokuba icinywe tu. UPawulosi usebenzisa igama u-katabalo, othetha ukuya kuwa lee/ukuba, ukubekwa kwindawo ephantsi/esenzantsi, endaweni ka-themlios, othetha isiseko [jonga i- 2:20], ke, guqulelwe ukuwa kwehlabathi," endaweni yokusekwa kwehlabathi," nanjengakwiinguqulelo ezininzi. UThixo wasifumana kuKrestu phambi kokuba silahlekane naye ku-Adam! Siboniswa kubumsulwa obungenakutyholwa phambi kwakhe! Igama u-katenopion, libonisa olona sondelelwano lakha lakufuphi, ubuso-ngobuso!)*

1:5 Ungumyili wengqaleko yethu, iphupha lentliziyo yakhe lakubona ukufikela kwethu eminyakeni kuKrestu. *(Ukuthabatha okanye (ukuchola umntana ongengo wakho uzikhulisele abe ngowakho, nto leyo ekuthiwa ngesiNgesi yi- 'Adoption.'*

Isahluko 1

Ayikuko oku kuchazwa lilizwi nanjengoba kusenziwa kule mihla yethu. Ngokwelizwi kukufikela eminyakeni kanye ngolu hlobo le 'Barmitsvah' yamaYuda. Jonga kumaGalati 4:1-6, "...ukutywina ubunyana bethu umoya wonyana wakhe uthi Abba Tata ezintliziyweni zethu." Oku yi huiiothesia.)

1:6 Icebo-lobabalo lwakhe limelwe ukubhiyozelwa: usitsal'umxhelo sakholeka ngamandla kuye kuKrestu. Uthando lwakhe ngoNyana wakhe luthando lwakhe ngathi. *(iGospile ayikho ngokuxelela abantu uhlobo abalaheke ngalo, koko isekubakhumbuzeni indlela abathandwa ngayo. Jonga uLuka 1:28 olunye qwaba usetyenziso lwegama u- χαριτω̄ charitō.)*

1:7 Nanjengoba *(simelwe/siboniswa ngokupheleleyo)* kuye, igazi lakhe liyintlawulelo ekhusela uhlangulo lwethu. Ukuxolela kwakhe izono zethu ngumlinganiselo wobutyebi bobabalo lwakhe.

1:8 Olu babalo luboniswe ngakuthi lunxibelela ubulumko kunye nocikido lokufanela kwethu okwegqitha gqibi nayiphi na intsingiselo.

1:9 Imfihlelo iphumile! Iphupha lothando lwakhe elixabiseke kunene kuye londlaleka kanye phambi kwamehlo ethu.

1:10 Kwi-ikhonomi yokuzaliseka kwexesha, yonke into iqukumbeleka kuKrestu; konke oko kusemazulwini kunye nako konke oko kusemhlabeni kuxolelaniswe kuye. UYesu lugqibeleliso lwamaphakade! *(Igama u-oikonomia, liguqulelwa ku-lungiselelo. Igama u-anakephalaiosasthai*

Isahluko 1

ανακεφαλαιωσασθαι is the Aorist Infinitive of *anakephalaiomai*, onekhomponenti ezimbini u-*ana*, ngaphezulu/ngasentla & *kephale*, ntloko, walatha kwimo apho iyantlukwano ingaphili/ingekhoyo khona-ukubuyela kwintloko yoMthombo Yethu. Aorist Infinitive izisa isenzo esiboniswa sisenzi njengenxenye efeziweyo enesiqalo kunye nesiphelo. “Yonke imbali yoluntu iyakufezekiselwa kuKrestu, yonke into ekhona (ephilayo) ezulwini okanye emhlabeni iyakufumana ukugqibelela kunye nenzaliseko yayo kuye.” — Phillips. “Konke oko kusezulwini, konke ukusemhlabeni, kushwankathelwe kuye!” — Knox)

1:11 Kungolu hlobo ukungena kwethu kumfanekiso kaThixo: uKrestu ungumlinganiselo wesabelo sethu, sikuye, saveliselwa kwaye sachazelwa kuye. Injongo yasekuqaleni kaThixo ikumbukiso kuthi. Yonke into ayiphumelelayo ivuselelwa ngamandla kunye noluvo lobubele bakhe. (Jonga amaRoma 8:29, “Wasakha(senza) kwasekuqaleni ukulungela ubunjelo lobunyana kunye nomfuziselo kanye ngokwengcombolo encakasana yokuqaleka koyilo lwengqaleko yakhe. Sibona uqobo kunye nobume owayebujongele ubomi bethu bugcinwe kuNyana wakhe; ungowamazibulo kwisizalo esinye esityhila isiqalo sethu. Uyaqinisekisa ukuba siluveliso lukaThixo.”)

1:12 Yaba yinyhweba yethu kuqala (njengamaYuda) ukwanga ithemba loMesiya; ubomi bethu kuKrestu babenzelwe ukuprofeta ngokuphakamisa ubhiyozo lozuko lwecebo lakhe kuluntu (doxa, injongo, uluvo.)

Isahluko 1

1:13 Nani ngoku (*ziNtlanga*) nizifumanise nibandakanywe ngokulinganayo kuye, nibonile kuye ukutyhilakala kwelizwi (*logic*) likaThixo. Ezinjani zona ukonwabisa iindaba! Intsindiso yenu yaziswa esidlangalaleni. Ngokuhambelana nesithembiso sikaThixo, uMoya oyiNgcwele unika isiqinisekiso kwinyaniso yokholo lwakho, njengesitampu setywina lomsesane ugunyazisa i-dotyhumentu. Ukuye! (*Igama u-logic, suka ku-logos, okwenyani. Igama u-alethea, suka ku-a + lanthano, othetha okungafihlekanga.*)

1:14 U-Moya oyiNgcwele uluqhagamishelwano lwethu olubambekayo kwilifa elahlawulelwayo kwaye lagcinelwa thina. Ubuqaqawuli becebo likaThixo ngomntu sisihloko sobhiyozo lwethu. (*'Guarantee, or earnest' suka ku-arabon, oligama lesi-Hebhere elithetha ukuphatha, njengababini bedibana ngokunikana into njengesifungo kunye nesiqinisekiso. Isiqinisekiso eso simele lonke utshintshiswano olo. I-dotyhumentu evunyiweyo okanye idotyhumentu yetayitile imele eliphelileleyo ixabiso lotshintshiswano olo. Kanye njengomsesane wokumanyana umele umtshato.*)

1:15 Ndiqinisekile niyakuthakazelela ukuva indlela iindaba ngokholo nothando lwenu zindivuselela ngayo.

1:16 Ndinovuyo ngani, iingcinga nezikhungo zam zigcwele nina.

1:17 Ndinqwanela ukuba nitsale ngqo kwintloko yomthombo, ukuba uThixo weNkosi yethu uYesu Krestu, uTata wozuko aphembe umoya wobulumko nesityhilelo kuni ekuvezeni elona Cebo leNjongo

Isahluko 1

yakhe. Ndingwenela ukuba wazi ngesityhilelo oko kudala ekwazi ngawe wonke lo gama! (*Injongo yakhe, doxa, uzuko. Kumagama u, en epignosei auto, uPawulosi ubonisa ukuba sinokufumana intloko yethu yomthombo kulo ulwazi lukaThixo- koko akwaziyo! Jonga 1Korint 13:12 ukwazi nkqu ngale ndlela kudala saziwa ngayo.*)

1:18 Ndiyathandaza ukuba iingcinga zenu ziphuphunyelwe kukukhanya nolwazi oluvuselelweyo, ukuze nibe nomfanekiso ngqondweni ocacileyo wenjongo yakhe ekunichazeni kwakhe kunye naye khon'ukuze nazi uhlobo enixabiseke ngalo kuye. Oko uThixo anako ebumsulweni benu obuhlanguliweyo yityesi yakhe kunye nembasa ezukileyo yelifa lakhe! Nisisabelo sikaThixo. Nikuphelelisa konke kwezinto zonke zakhe ezilixabiso kunye nomlinganiselo wobutyebi bakhe!

1:19 Ndithandazela ukuba niqonde ngaphaya koqhathaniso ububhabhalala bamandla akhe ngakuthi thina bakholwayo. Inga ningagutyungelwa ngumqondo wobukhulu bamandla akhe kuwo umsebenzi ogqityiweyo kaKrestu. Kuko oku okubasisiphumo kumandla okholo lwenu.

1:20 Ikwangawo lawo wawakhululayo kuKrestu xenikweni emvusa ekufeni, waze ngonaphakade wamseka emandleni akhe esandla sokunene kwindawo zamazulu.

1:21 Ngonaphakade wongamele ngaphaya kwawo onke amandla ezilawuli edibene, amagunya,

Isahluko 1

ubukhosi okanye izirhuluneli, uphakanyiselwe kwesiphezulu isikhundla nakuwo onke amagama anothi anikezwe nakubani na kweli phakade okanye kwelizayo ikamva lephakade.

1:22 Ndifuna niyibone le nto: uthobele onke lamagunya phantsi kweenyawo zakhe. Umi ngobume, endanda intloko namagxa phezulu kwayo yonke into. Uyintloko,

1:23 ibandla ngumzimba wakhe. Ukuzaliseka kobukho bakhe obuzalisa bonke kubo bonke buhlala kuthi! UThixo akanakuzenza nangakumbi abonakale okanye aziveze ngokuncakasana nangakumbi. (*Igama u-eklesia, lisuka ku-ek, osisihlanganisi esisoloko sibonisa imvelaphi, & klesia suka ku-kaleo, ukuchaza ngegama, ukubiza ngefani, umfanekiso nomfuziselo wakhe ohlanguliweyo kuthi.*)

Isahluko 2

2:1 Yibani nomfanekiso ngqondweni apho uThixo asifumene khona. Sasikowokufa umgibe wesimbo sobomi obucekisekileyo, siqhubeka nokuphila ngaphantsi komlinganiselo wokuqaleka kobomi bethu. ((Igama lesiGrike *elithetha* 'isono' ngu-*hamartia* oyindibaniselana yegama u-*ha* ngaphandle, kunye no-*martia* okuvela kuye u-*meros*, othetha isimo okanye isabelo sethu senene. Ke ukuba ngaphandle esabelweni sakho okanye esimeni, walatha kudideko/lahleko, kugqwetheko kunye nakuchazo olumbacuzekileyo- ubumpangalasane bobuwena bakho. Igama u-*meros* yingcambu ka- *morphe* njengaku- II Korinte 3:18, igama u-*metamorphe*, kunye nesimo/enesimo, sisichasi sika- *hamartia*- ngaphandle kwesimo. Isono kuphila ngaphandle komxholo woyilo lwengqaleko yakho.)

2:2 Sonke sasiyinxalenye yohlobo olufanayo, sirhuqeka nabo phantsi kwempembelelo engabonakaliyo yamandla, kwifuthe lomoya elalisithabathe njengoonyana kulawulo lwalo ngako ukungakholwa.

2:3 Lonke elo xesha sonke ngamnye sasijijekile kwaye sikhohlakele ezimilweni zethu, sibambeke kwiinkanuko ezingavumelekanga, siqhutywa yiminqweno yeemvakalelo. Singene ngokupheleleyo kuveliso lobomi obulawulwa yimidlalo yengqondo, kwakungathi intshisakalo egqwethekileyo ivelise ngokuzala olu hlobo lomhlaba lwabantu.

2:4 Nanye kwezi eyayinako ukuphazamisa isibhadlalala sothando lukaThixo, waqhubekeka nokusithanda kwangefuthe elinye.

Isahluko 2

2:5 Kwaba ngolu hlobo ke ukhulangulwa kwethu lubabalo: lo gama sasise kuloo mo yobhubho nobungqola kuphambuko lwethu, (*Kude lee phambi kokuba sazi okanye sikholelwe, savuselwa ebomini kunye noKrestu. 'Kho nto sancedisayo ngayo futhi zange sibe nanto yakwenza ngoko. Ngalo ubabalo usindisiwe. Ubabalo luyasichaza kwaye lutolika usindiso lwethu (Igama elisoloko liguqulelwe izigqitho,paraptoma suka ku para othetha usondelelwano, & pipto ukuhlela ngokusuka kwindawo ephhezulu usiya kwesezantsi, ukuyeka ukubhabha, petomai, ukubhabha. Uphulukana nephezulu kuthetha ubungqondo obuwileyo boluntu. Kolose 3:1-3*

Isivakalisi u.....uguquleka ngokuthe ngqo ukuthethaukuthi, "Ngaloubabalounguye-osindisiweyo." Akukho nto siye sancedisayo ngayo kwintsindiso yethu! Icebokazi likaThixo lendlaleka kwimfihlakalo yeendaba ezilungileyo livakalisa ukudibana ngokubandakanywa ekufeni nasekuvukeni, uThixo wasifumana kuKrestu phambi kokulahleka kuAdam! [Efese 1:4] Kwi-ikhonomi kaThixo xa wayesifa uYesu safa. UThixo wasibona kuKrestu, ekufeni kwakhe nasekuvukeni phambi kokuba sizibone thina apho! Wakuvakalisa ukuvuka kwethu kunye naye phambi kokufika kukaKrestu 800 BC [Hoseya 6:2] Sisona sibhalo qwaba kwiTestamente yonke Endala esikhankanya ngokukodwa uvuko lwangosuku lwesithathu, vuko olo lubandakanya thina.)

2:6 (Nanjengoba sibandakanywe ekufeni kwakhe), sibandakanyiwe naseluvukweni lwakhe. Nathi senyuselwe ekwenyukeni kwakhe ukuze

Isahluko 2

samkeleke ngokulingana egumbini letrone yendawo esezulwini, apho sihleli kunye naye kwigunya lolawulo lwakhe. Simelwe ngokupheleleyo kuYesu Krestu. *(Isikhundla sethu ngokudibana kuKrestu siyasichaza, oku akusayi kuphinde kube likamva elisezayo/indawo esisaya kuyo ukuba sifikele kuyo ngobucawa bonqulo okanye imizamo yabo, kodwa kulapho sithabathela khona ngoko-nangoko (yindawo yethu esinduluka kuyo- sesikhawulezileyo isingqiniso sethu)*

2:7 *(Kwesinye soloyiso isenzo sobulungisa uThixo wasisindisa kweyona ndawo yakha yaphantsi ukusisa kweyona ndawo yakha yaphezulu. Silapha ke ngoku, sityhilwe kuKrestu kweyona ndawo iphezulu yozuko nesihomo! (Ukuba imbal'equmbileyo yomntu zange iphazamise eluthandweni olukhulu lukaThixo,)* **khawufane ucinge ke ngoku ukuba unako kangakanani na ekuqhubekeni okungaphaya kwexesha (kwikamva likanaphakade) ukubonisa imbasa yobutyebi bobabalo lwakhe oluvezwe ekulungeni kwakhe ngakuthi kuKrestu Yesu. Ubabalo lubonisa ubungqina obaneleyo kwimpumelelo yomnqamlezo.**

2:8 **Intsindiso yakho ayingomvuzo wesimilo esihle! Yinto yobabalo ukusukela ekuqaleni ukuya ekugqibeleni, awuzange ube nasandla kuyo. Nkqu nesipho esi sokukholwa sibonisa ngokucacileyo ukholo lwakhe!** *(Awuzange uvelise ukholo, yaba lukholo lukaThixo ukub'uqale! Kusuka elukholweni kusiya elukholweni [amaRom 1:17] Ukuko kokubini intloko yomthombo kunye nomqokumbeli wokholo. [AmaHeb 12:2])*

Isahluko 2

2:9 Ukuba oku bekunokufezwa nangasiphi na isenzo sakho, bekuza kubakho iintsusa-mabandla zokuqhayisa.

2:10 Sakhiwe yingqaleko yakhe, wasibumbela kwaye wasenzela kuKrestu. Singumsebenzi wezandla zakhe, singumbongo wakhe. (*UThixo ufumana uveliso lukaKrestu kuthi. Igama lesiGrike umsebenzi wezandla zakhe ngu-poeima*). Ngokupheleleyo sikulungele ukwenza okulungileyo, sixhotyisiwe ukunika ubungqina obunomtsalane kumfanekiso wakhe okuthi kuyo yonke into esiyenzayo. (*UThixo wenze konke abenokwenza ukufumana ukuzibonakalisa okukhululekileyo (nokungaqobi mandla) ukubonakalisa isimo sakhe kwisimbo sobomi bethu bemihla-ngemihla. Igama u-proetoimatso, uguqulwa kwingcinga yokuba uThixo usilungiselele indlela ephakamileyo ukusikhokhela njengeekumkani, kanye njengesithethe sakudala apho abantu babehamba phambi kwekumkani belungisa indlela, bewutyeneneza umendo wenkosi besenza indlela ibe mthebelele ukuze ikumkani ihambe ngokulula nangokuthambileyo [Isa 40:3-5]*)

2:11 Khumbula apho usuka khona, (*hayi ngoba wawufe nje emoyeni, kodwa*) bekungekudala ububalelwa ukuba awungomYuda, ngokugweba ngembonakalo ubungena nto ekudibanisa nawo. Bebekunyevulela kuba ubungenasabelo kuphawo olo lomahluko wokwaluka, olwalulubango lwabo kulo udumo!

2:12 Ngelo xesha ubuqelelanisiwe kwithemba likaMesiya, ubungenanto yakufana kuSirayeli.

Isahluko 2

Ubuziva ungaphandle eminqophisweni yesiprofeto sesithembiso, uphila ubomi emhlabeni kungekho nto uyilindeleyo, nanto unethemba layo, apho uThixo bekubonakala ngathi akakho.

2:13 Kodwa ngoku, haha! Zonke izinto zitshintshile, nizifumanise nibekwe kuKrestu. Okuya bekukhangeleka kukude kuqala ngoku kusondele, igazi lakhe lityhila ubumsulwa bakho obuhlanguliweyo nokuqaleka kwakho kwenene.

2:14 Kukuye apho sibanye kwaye sinoxolo nabo bonke, wabhangisa kwantsingiselo yeyantlukwano. *(Oku sikwaziyo kuyakukhuphela ngaphandle futhi kuphelisa nya imfazwe kunye neyantlukwano)*

2:15 Ebunyameni bakhe, wenza yonke inkqubo yobuYuda yemicimbi ephathelene nemithetho kunye nemiqathango yabhanga *(yanto engento)* njengomlinganiselowokugwebelaubomibabantu nesimilo sabo. Ekubeni efe ukufa kwabantu zonk'iintsusa-mabandla zokrwitha-krwithwano kunye nobutshaba zasiphulwa neengcambu. Uxolo aluvakalisayo lutyhila uhlanga olunye olutsha loluntu, ludalelwe lachazelwa kuKrestu, endaweni yamaqela amabini wabantu abacalulwe ngenkcubeko yobubona babo nangokwahlukana kwabo.

2:16 Omabini lamaqela abantu amelwe ngokupheleleyo kwaye exolelanisiwe ngokulinganayo kuThixo kumzimba womntu omnye ngawo umnqamlezo. Waphinde

Isahluko 2

wayibuyisela imvano yangaphambili; zonke izinto ezichasayo ke wazehlula tu.

2:17 Kuloo ndawo kanye wenza ukuvela kwakhe esidlangalaleni, evakalisa iindaba ezilungileyo zoxolo kuluntu lonke emhlabeni, kwabo babeziva beshiywe ngaphandle engqeleni (*ngokuphathelene nezithembiso neminqophiso*), kunye nakwabo babehleli besondele lonke elo xesha (*ngenxa yobubona babo bobuYuda*)

2:18 Ngenxa kaKrestu umYuda noweNtlanga ngoku bonwabela ukumngena ngokulinganayo uTata ngoMoya omnye.

2:19 Uqukumbelo lucacile, awusafingelwa ntshiyi njengommi wangaphandle, ulapho kanye apho ungowakhona, uyinxalenye yobuhlobo bosapho apho kungekho namnye okrokrayo okanye ucekisekileyo.

2:20 Iimpilo ngoku zenu zinika inkcazelo ebambekayo kulwakhiwo lomoya, inguThixo unakhele kulo phezu kwesisekelo esivakaliswe ngabaprofeti kunye nabapostile. Ubungqina bokuqala besi sakhiwo yaba nguYesu Krestu qobo lwakhe, elilitye lembombo. (*Ububungqina bokuqala obubonakalayo kumfanekiso nomfuziselo kaThixo obuyiselweyo kwisimo somntu*)

2:21 Kuye thina sonke sinjengamatye aphilileyo adityaniswe kunyengelaph'elinye (*ncoko*), sinikeza ngempimiselo eya kuhlala isanda kwitempile ehambayo yomhlaba wonke idibene eNkosini. (*Igama u-sunamologeo lisuka ku-sun othetha ubunye,*

Isahluko 2

harmo, othetha imvano, & logeo, othetha incoko okanye intetho. Igama u-auxano, ukwanda ngokukhula. Igama u-naos liguqulelwe njengeyona ndawo ingcwele/ yahluliweyo)

2:22 Kuye nakhelwe kunye njengendlu (ndawo) yomoya kaThixo yokuhlala isigxina. Uydilesi kaThixo!

Isahluko 3

3:1 Ulungiselelo lam alunakulinganiswa nobungakanani besi sisele sam. Ndibotshwe lubabalo lwakhe, uYesu Krestu ngumgcini ntolongo. Nisisizathu sokuba ndibe lapha. *(Ubabalo lulo olulinganisa ulungiselelo lwam, esi sisele sentolongo asinako ukufihla umyalezo wam kuni!)*

3:2 Kululwazi gabalala okokuba ndithenjwe ngomyalezo otyhila indlela enibandakanywe ngayo ziNtlanga kwisipho sobabalo lukaThixo.

3:3 Kufanele ukuba neva ukuba yatyhilwa njani na lemfihlakalo kum *(yabangathi kusefilimini)*, uvezo elaphula inzolo yemfihlo ekwakudala igciniwe. Ndibhalile ngaphambili ngezipon'iintonga ngale nto.

3:4 Ekuleseni lamagama nakuluqonda ulwazi lwam kwimfihlakalo kaKrestu. *((Igama u-1anaginosko, libonisa ulwazi lwaphezulu; ukwazi kwakhona, ukuyiqonda, nakana ukuyifunda ngokuyiqonda/ngoyamkek. Ulwazi. 2sunesis, suka ku- sun + eimi, kunye "Ndinguye", uphokoka kunyel ukudibana kunye njengemilambo emibini.)*

3:5 Akukho sizukulwana ngaphambili ekwakukho kuso umqondo nenkcukacha yolwazi ethe vetshe *(malunga nesiphumo esiphelelisileyo sobabalo)*, njengangokuba ngoku luhlutyiwe eMoyeni koonozakuzaku bakhe abazisa isiprofeto sesithembiso ekuhlени! Uluntu *(oonyana babantu)* bangazi ngoku ukuba ilizwi lesiprofeto lifezekiswe kubo! Yonke into eyabonwa ngabaprofeti ngoku ivakalisiwe. Kokubini

Isahluko 3

abaprofeti (*ababona oku phambi kwexesha*) **kunye nabapostile** (*abavakalisa ngoku oku*) **bagunyaziswe kuKrestu.**

3:6 Inqambuzane yoku ndikubonayo ityhila inyaniso yokuba intlaninge yoluntu (*iiNtlanga*) ingabathabathi nxaxheba ngokudibana kwilifa elinye. Sonke siphela siyinxalenye yomzimba omnye ofanayo kuKrestu. Iindaba ezimnandi zezokuba isithembiso sikaThixo siphathele kubo bonke ngokulinganayo kwaye sisebenza kubo bonke kwangolo hlobo.

3:7 Ezi ndaba zilungileyo zinik'intsingiselo ulungiselelo lwam, ndivuthiswa ngamandla sisipho sakhe sobabalo!

3:8 Ndiyeyona ngcwel'iphantsi ngesikhundla. (*Ubango lam kulo udumo lugxininisa inyaniso yokuba ubabalo sisipho, qinisekileyo hayi umvuzo wokuziphatha kakuhle*). Ubabalo lwakhe lodwa luyandivuma ndivakalise le tyesi ingahlolwanga kaKrestu ezitlangeni.

3:9 Umyalelo ongunyazisiweyo womyalezo wam kukwenza bonke abantu babone. Intyilakalo yeli hlebo laphakade kuzisa kwiliso lesidlangalala unxulumano olwalusoloko lufihliwe kuThixo, uYesu Krestu uluyilo lwendalo (*Efe 1:4*)

3:10 Lonke uhlobo lwegunya elingabonakaliyo neerhuluneli kwindawo ezisemazulwini, ngoku libona umbukiso wobulumko bukaThixo. Ibandla lisebenza njenge '*prism*' esasaza ukwahluka-hlukana kobungangamsha bukaThixo kwisimo somntu.

Isahluko 3

3:11 KuYesu Krestu, uMongameli wethu ingcinga eyenziwa (*eyagqitywa*) emaphakadeni anganaxesha kaThixo iqondwe ngobumbongi. ('Pre-determined thought, suka ku-*prothesis*, isiboniso sesonka esasiprofeta etempileni. Umbongo/poetry, suka ku-*poieo* ukwenza/bumba).

3:12 Ukholo lwakhe kuthi lunika iimpilo zethu imfezko. Sihlokoma kwaye siphimisel'incoko-ngqangi phandle. (*qobo lwentetho ekuhleni*) (Igama u *parrhesia* suka ku *para*, isihlanganisi esibonisa usondelo, into evela kwindawo yempembelelo, ngelokubonisa ubunye bendawo yokuhlala, ephume/exhume kumbhali okanye kumniki wayo, evela ngokoqobo, chaza indawo apho isenzeko sivela khona, uqhagamishelwano olunzulu/olusondeleyo kunye no- *rhesia* incoko/ntetho Kuye sizibika/bonakalisa ngokukhululekileyo nangokuphandle). Uliqonga lethu kumhlaba wonke wababukeli.

3:13 Awunasizathu sokuziva uhlazekile okanye unoxanduva ngenxa yoko ndibandezeleka kuko, endaweni yoko zive (*ubekekile*) uzukisekile!

3:14 Ndigutyungelwe koko kunxityelelwa lubabalo, ndiguqa ngamadolo kumangazo phambi koTata.

3:15 Lonke usapho ezulwini nasemhlabeni luvela kuye, uligama losapho loluntu kwaye uhlala eluchazo (*uqobo lobuzona*) lwenene lweentlanga zonke.

3:16 Ndininqwenela ukuba niqonde oko uTata wanicebela kona, kubutyebi bakhe obungenamda,

Isahluko 3

khon'ukuze ngokwasemandleni nomelezwe kongaphakathi umntu nguMoya kaThixo.

3:17 Oku kuya kuphamba ukholo lwakho okuze ubambe ngokugcweleyo inene yobukho boKrestu ohleli ngaphakathi. Nimiliselwe nafunyanwa eluthandweni. Uthando yintloko yomthombo yakho engabonakaliyo yengaphakathi lakho kanye njengoxananazo lweengcambu zomthi kunye nesiseko sesakhiwo. *(Ibakala lendawo yomoya wakho ledlula nawuphi na umlinganiselo onokuthi ukuchaze. "UMoya oyiNgcwele kum ukoko wayekuko kuYesu, ubomi kanye bobumna." — Andrew Murray)*

3:18 Uthando nguvimba wakho wamandlakazi kasomntu, lawo akwenza ubone bonke bengcwaliswe ngokulinganayo emxholweni welingenamda ibakala lobubanzi bothando, lobudebothandokunyenakuzoiincamzambakala alo ebunzulwini kunye nasekuphakameni. *(Igama u-exischuo lithetha ukulungela ngokupheleleyo, ukuxotyiswal/ukomelezwa ukuba uqonde. Igama u-katalambano, kata, sisongezo kunye no lambano, ukubamba, ke ukubamba ngokupheleleyo, ukuvumelana nalowo, ukuyenza eyakho. lithetha ukuz'esivumelwaneni, umenz'owakho, exischuo uthetha ukufanelana nganxa zonke, womelezwe/uxhotyiswe ukuba uqonde. Roma 12:13 Yibani kwinjongo yengqibo yokuphatha abo bazindwendwe njengabangcwele; funani kwaye nibange ngobubele njengabahlobo ngokulinganayo ebudlelwaneni. Zenzeni nibe lulutho ngendlela apha enothi iqheleke. Roma 12:16. Bahlonipheni bonke ngembeko enye; akukho namnye obaluleke ukugqitha*

Isahluko 3

omnye. Dlelana gcono nabo baphantsi kunabo baphakamileyo. Musa ukuziqelelanisa kwabanye engqondweni yakho. [*“Thabatha umdla wenene kubantu nje abaqhelekileyo.”*— JB Phillips] Ebubanzini kunye nasebudeni sibona ubungakanani bonweno lothando lukaKrestu kumacala onke: olufezekileyo ubandakayo loluntu. 2Korinte 5:14-16. Ubunzulu bothando lwakhe butyhila uhlobo uthando lwakhe elasihlangula ngalo kwimiwonyo enzulu yesihogo sokungabinathemba kwaye wasikhokhela njengeembasa kumgcelele woloyiso lwakhe phezulu. Efese 2:5-6, Efese 4:8-10, Kolose 3:1-4)

3:19 Ndininqwenelela ukuba nazane ngokusondeleyo nothando lukaKrestu kwelona bakala lakha lanzulu, kude lee kokufikela futhi kubanjwe ngengqondo yemfundo. Kuyo yona le ndawo yolu balo uThixo ufumana okona kuziveza kuwe. (*Khon’ukuze nizaliswe kukuphelela kukaThixo! Phaphamani kwisazela sosondelo lakhe! Iyantlukwano ngamampunge! Ubunye yaba luluvo lukaThixo wonke lo gama! Unqwenela ukuzibonisa ngokuchukumisa kwakho, ngelizwi lakho, ngobukho nangobukho bakho. Uyavuya ukuhlala kuwe! Akukho ndawo emhlabeni engcono anobakuyo!*)

3:20 Siyambhiyozela lowo usivuthisa ngamandla ukusuka ngaphakathi. Isicelo sethu esikhulu okanye elona limangalisayo iphupha alinakuqhathaniswa nobubhadlalala bomlinganiselo weengcinga zakhe ngakuthi.

3:21 Ukuko kokubini umbhali kunye nomqokumbeli wozuko olubonakaliswa ebandleni (*ekklesia*), lubukiswe kuKrestu. I enko

Isahluko 3

iyaqhubeka kuzo zonke izizukulwana, hayi nje qha kweli phakade, kodwa kumaphakade azayo angenakubalwa. Amen! (*Igama u-ekklesia, usuka ku-ek, osisihlanganisi esisoloko sibonisa ukuqaleka koqobo, & klesia usuka ku-kaleo, ukuchaza ngegama, ukubiza ngefani, i-ekklesia ngumfanekiso nomfuziselo wakhe uhlangulwe emntwini.*)

Isahluko 4

4:1 Inyaniso yokuba ndisentolongweni ayilucuthi nakancinci ulwazi lwam lokuba ndikuKrestu! Ukuphila kwam konke kuchazwe kwavalelwa kuye. Inkcukacha yemini-nemini yobomi bakho iphuphuma kwisazela sobuwena bakho benene kunye nexabiso lakho njengoba kuchazwe kuye.

*(Ngenene sihleli kunye naye kwezisemazulwini iindawo! [amaGal 2:6] Akukho luphazamiso okanye mpikiswano enakuhlisela ubomi bam kubo nabuphi na ubukho. Hambani ngokufaneleyo, njengo **axios**, othetha ukuba nobunzima benye into enxabiso elinye ngokufana, ufanele kanye ngolu hlobo. Ubizo lakho okanye umsebenzi wakho, osuka ku-**kaleo**, ukubiza ngefani, ukuchaza ngegama & **parakaleo**, vuseleleke ngokusuka ngaphakathi ukuphila ubomi bokwakhirwa kwakho.)*

4:2 Ubulali kunye nentobeko ngamalaphu enenziwe ngawo, oku kuzenza nikwazi ukubonisa ububele nakwiimeko ezibonakala ngathi akunakwenzeka, ninyamezelana kwindawo (*kumoya*) apho uthando lulawula khona.

4:3 Niphaphile ukugada ubunye benu bomoya. Singamabanjwa oxolo. Singqina inyaniso yokuba mnye jwii umzimba, kwaye futhi noMoya mnye qwaba.

4:4 Sichazwe kulindelo (*thembeni*) linye, alikho elinye icebo (*u- 'plan B' akakho.*) Ifani esinayo inye. (*Ukubizwa, kaleo, ukuchaza ngegama, ukubiza ngefani*)

4:5 Siqeshwe ngumQeshi omnye, sabelana ngokholo olunye ngokufana, kwaye nobhabhatizo lwethu lutshw'intw'enye. (*Lunye qwaba ukholo!*)

Isahluko 4

Hayi oko sikukholelwayo ngoThixo, kodwa oko uThixo akukholelwayo ngathi! Ubhabhatizo luvakalisa ukuba sibandakanywe ngokulingana ekufeni nasekuvukeni kwakhe uYesu Krestu. Ukholo lwethu aluvelisi Thixo, lukholo lwakhe olusichazayo.)

4:6 Mnye qha uThixo. Kwaye uhlala enguyena Tata wehlabathi. Sikho ngoba ukho. Ukho kubo bonke, ungaphezu kwabo bonke, phakathi kwabo bonke kwaye ukubo bonke. *(Akakho kude kuthi, kuye siyaphila, sinyakaza kwaye sikho. Ngenene siyinzala yakhe. [Zenzo 17:24-28])*

4:7 Isipho sikaKrestu sinika ibakala kubabalo kwaye sichaza ixabiso lethu ngamnye. *(Ubabalo lwanikelwa kuthi ngamnye ngokomlinganiselo wesipho sikaKrestu. Umlinganiselo omnye, nexabiso elinye! Ukufanela [xabisekaa] kwethu kuchazwa sisipho sakhe hayi ngumvuzo wesimilo sethu.)*

4:8 Isibhalo siyangqina ukuba wathimba intimbo- [ekufeni kwakhe ukufa kwethu walubamba uluntu olubanjweyo] waze eluvukweni wasikhokela njengeembase kumngcelele woloyiso lwakhe phezulu. Khawucinge intlakanipho kaThixo, kuKrestu owabonakala enyameni, wakuthimba kwakho oko yayikokwethu ngengqaleko, ekwisimo somntu; sisipho sakhe esi kuthi! *(Kule vesi uPawulosi ucacisa oko selekuvakalise kweyesixhenxe- ufuna thina sazi ubukhulu beencam kunye nezigaba zomlinganiselo wesipho sikaKrestu! Khumbula, ubhala esentilongweni [Efese 4:1] Akaceli mithandazo yokuba aphume eluvalweni! Uvalwe- [4:1] Ukuphila kwam konke*

Isahluko 4

kuchazwe kwaye kwavalelwa kuye. Wayesaya kufudula elibanjwa lomthetho wokwenza, evalelwe kuwo umzimba wakhe, ekhala ngokuzilahlelayo, “Ukhona na onakusihlangula kwesi sabatha sokufa?” [Roma 7] Kungoku nje uthetha njengebanjwa likaKrestu. Ukhumbuzeka kwaye ngokucacileyo utsaliwe nguwo wonke umxholo weNdumiso 67, lowo ugubhela uThixo ekuhlanguleni kwakhe amabanjwa ekuthinjweni kwayo, nkqu noonkanishe kunye nabalukhuni abasele bafayo kwaye bekhinkxiseleke emangcwabeni abo! [Ubungqondo] Jonga iNdumiso 67:6;7 UnguYise weenkedama kunye nomthetheleli wabahlolokazi. UThixo uhlalisa ababodwa endlwini/emakhayeni; akhuphele enyhwebeni ababanjiweyo, kunye nabanobungqola, nkqu nabo bahlala emangcwabeni! UPawulosi ubona ngesityhilelo uphathalelo lokufa kukaYesu ukufa kwethu kunye nokungena kwakhe kwisithokothoko sethu sesihogokekumsebenzi wokuhlangula! Ngoku ucaphula iNdumiso 67:19 ngokusuka kwi- LXX Septuagint- iTestamente Endala engesiGrike, leyo iyiNdumiso 68 kwi-Masoretic Hebrew Text, kwaye ubona uluntu oluvalelweyo lubanjwe ekufeni, ekwehleleni ezantsi esihogweni kunye naseloyisweni lovuko lukaLizwi owabonakala enyameni, kumntu uYesu Krestu. Ndumiso 67:19 ἀνέβης εἰς ὕψος, ἤχημαλώτευσας αἰχμαλωσίαν, ἔλαβες δόματα ἐν ἀνθρώπῳ - anebes eis hupsos, 3echmaloteusas aichmaloosian, 2elabes domata en [in] 4anthropo “Wenyukela phezulu, eyithimbile intimbo [3arresting at spearpoint! Jonga II Korinte 10:5] & 2wazithiba kwakho izipho zoluntu kwisimo somntu. Igama u- 2elabes suka ku-lambano ukuthabatha oko ikokwakho. Igama elibhekise kuluntu, ndoda okanye

Isahluko 4

mfazi ngu- *4anthropos*, suka ku-*ana*, ngaphezulu/ ngasentla, & *tropos*, uhlobo lobomi; isimilo; ngohlobo olufanayo. [leyo iyiNdumiso 68 kwi-Masoretic Hebrew Text, Ndum 68:18,19, לקחת מתנות באדם *lakachat mattanoth ba adam* - "Uthabathe izipho ku-Adam." Izipho ezi uYesu Krestu asabela ngazo, uzamkele kuthi, em ngawo amandla wokuboniswa kwakhe emnyameni. Adam Clarke.

Ndum 67:19 *iyaqhubeka*: καὶ γὰρ ἀπειθοῦντες τοῦ κατασκευῶσαι - *kai gar apeithountes tou kataskenoosai*, "khon'ukuze nabo bangakholwayo, apeithountes – abo basunduzana noqononondiseko, amanxaxha; oontlo zilukhuni, oonkanishe, neenjubaqa zinokuphumla okanye zihlale - *kataskenosai* – ukuhlala ngaphakathi – kwakhoa eli gama ligxilisa ubaluleko lokubonakaliswa enyameni/incarnation - *kata*, phantsi & *skenosai*, suka ku- *skenos* – skin/isikhumba! Imicamango kanaphakade kaThixo, intetho leyo yayikho phambi kokubakho kwexesha, *inxitywe esikhumbeni!* Yohane 1:1-3,14. Jonga isiTyhilelo13:10

Ukuthatyathelwa ekuthinjweni ngomkhonto kunye nokubulawa ngalo ikrele [Yohane 18:3] kwenza ukufa umnyango kanye apha uluntu beligcinwe lingamabanjwa, [ukukhokelelwa ngaphandle ngoloyiso eluvukweni njengeembasa zeMvana!] Emveni kweentsuku ezimbini wosivuselela! Ngosuku lwesithathu asivuse! Hos 6:2 Sazalwa ngokutsha eluvukwini lwakhe. 1 Petros 1:3. NabaseEfese 2:5. Kukanjena ukuhlangulwa kwethu lubabalo: lo gama sasisekwimo yobhubho kunye nobuqati kuphambuko lwethu, savuselelwa kunye noKrestu!)

Isahluko 4

4:9 Inyaniso yokuba wenyuka iqinisekisa uloyiso lwakhe lokuhlel'ezantsi kwimiwonyo enzulu yokungabi nathemba koluntu. (Jonga uYohn 3:1 [RSV], "Akukho namnye owanyukela emazulwini, kodwa lowo wehlayo ezulwini, nkqu nonyana womntu." Lonke uluntu luvela ngokoqobo phezulu, sivela *anouthen*, uguqulelwe ukuthi sivela phezulu. [Jonga uJames 1:17-18])

4:10 Ngoku uzalise esona sikhundla segunya esuka kwezona ziphantsi iindawo, apho wathoba phantsi ukusihlangulela kweliphakamileyo igunya lasemazulwini, ewufezile umsebenzi wakhe ngokupheleleyo. Umntu owawayo ubuyiselwe ngokupheleleyo egunyeni lobomi benene bengqaleko yakhe. [Ndum 139:8].)

4:11 Oko uThixo anako kuthi sisipho sisongelwe ehlabathini: abanye bayalelwe ukuseka, abanye baphiwe ngokuprofetayo, abanye ngabazisi beendaba ezimnandi, bambi ngabelusi ngesipho sokwenene sokukhathala nokondla (*khulisa*), lo gama abanye banesipho sokuphemba imfundiso ngesityhilelo sokwazi. (Izigidimi (*ezingaba lungiseleli babahambi*), *abanxebeleli*, *abacebisi kunye nabaqeqeshi*. — Rob Lacey)

4:12 Uveliso ngalunye lwesipho sakhe kuxhobisa ngokupheleleyo nokwenza abangcwele bakwazi ukusebenza khon'ukuze babenokwabelana ngokuncedisana, elowo nalowo kweyakhe ethile indima ukunika intsingiselo kumzimba obonakalayo kaKrestu.

Isahluko 4

4:13 Umsebenzi wezipho zolungiselelo kubonisa bonke mgangathweni mnye kwaye bekubunye bokholo, bekholelwa kanye oko uNyana kaThixo akholelwa kuko kwaye besazi ncakasana oko akwaziyo ngokuphathelene nathi. Simi sijongene ubuso-ngobuso kubude obulinganayo kumlinganiselo wokugqibelela kaKrestu. (*Igama u-pleroma, lithetha ubomi obuzaliswe cike nguKrestu, njengenqanawe ethwele impahla.*)

4:14 Obona bomi buyingozi unobuphila bobongazi. Ushiywe njengosana enqanaweni engaphaya kolawulo emazeni nakwimimoya yeenqwithelo zobomi. Kukuwa kwedayisi okunobuzwi lako, lo gama iimfundiso ezikhohlisayo zabantu nobuqhetseba babo obuphazamisayo bunyumbaza.

4:15 Uthando lunika inyaniso ilizwi layo. Intetho evuselelwa yinyaniso idala imo yendawo apho ukukhula kuzenzekelayo kwaye kungenakuthintelwa. Umntu wonke kubhekiswa kuye kuKrestu, lowo uyintloko yomzimba, uluqukumbelo lonxibelelwano luka Thixo nomntu. (*Ukuthetha inyaniso useluthandweni ayisosimilo nje sukunxitywa nokukhulwa kwiincoko zethe zonke, kodwa yiyona nto imelwe ukukhethwa – Apho inyaniso inika imfezeko uthando, lize lona uthando linike umtsalane inyaniso. Uthando, **agape**, usuka ku-**ago**, ukukhokhela njengomalusi ekhokhela izimvu zakhe. & **pao**, ukuphumla. Ukuphumla kukaThixo kubhiyozela ukugqibelela kwethu, **agape** kukubona ixabiso elinye elibonwa nguThixo kuye wonke umntu. Inyaniso nanjengoba iboniswa kuKrestu [vesi 21].)*

Isahluko 4

4:16 Kuye kuphokoka ubhalo ngqangi kunye nenkcukacha yengqaleko yethu njengamagama ethungelen'embongweni, (*njengombhexeshi womculo, epichoregeo*) eqhagamshela isaleko phezu kwesaleko ukufez'imvano, elandel'isingqi seengcinga zakhe njengomzila weenyawo (*phezu kwesanti*). Lo gama umzimba uphuhla kakuhle kwaye ugadlela ngamandl'othando. Lonke uveliso ngobunye lufumana umlinganiselo walo opheleleyo apho. (*Ibandla aliqheke-qhekezwanga, ayingomzimba osebenza kakubi, kodwa usebenza ngokupheleleyo, ngokulingana kakuhle, ngosebenzisana/ncedisana ungumthandi wabantu.*" — Rob Lacey)

4:17 Esona sibongozo sam singxamisekileyo kuni eNkosini sesi: aninanto ngokufana nobudenge benyambhalala yongqondw' ilambhathayo, iintsuku zokuphath'ubomi benu kunye nokuyimicimbi yenu ngokungenantsingiselo ziphelile! (*AbeNtlanga, ethnos, inyambalala yabantu abahamba kumampunge engqondo zabo.*)

4:18 Ubomi bengqaleko yabo bubonakala bungazeki kubo kuba iingqondo zabo zenziwe mnyama yintliziyo eqinileyo elawulwa kungazi.

Bamfamekiswe lukhohliso lweemvakalelo njengesingqiniso esisodwa, belukhuni ngokuthi banxibe isigqubuthelo emini emaqanda. (*Ubukhuni bentliziyo (sisizathu) sisiphumo somqondo owenziwe mnyama, ingqondo egqunywe ngako ukungakholwa. [jonga ama 2Kor 4:4]*)

4:19 Sele behleli kuloo meko yobomi ubuqelelaniswe noThixo, bomile emoyeni,

Isahluko 4

kwaye baqhutywa yinkanuko nokunyoluka, bazinikele ngokupheleleyo kwimpilo yobubhoja ngokungenazintloni. (*Jonga amaRom 1:19-23*)

4:20 Kodwa ke nina animfundanga olo hlobo uKrestu!

4:21 Akwenzeki ukufunda uKrestu kuwo nawuphi na umxholo, ungowabayinyama, mve ehlokoma kuwe ngaphakathi! Inyaniso ngawe inesingqiniso sayo sokugqibela kuYesu. (*"Inyaniso njengoba injalo kuKrestu." Akezanga kwazisa ngemithetho emitsha eyeke-yeke (akezanga zakuthoba mxakatho), akangomzekelo kuthi, kodwa ungumzekelo wethu!*)

4:22 Ngoku ukhululekile ukuba uhlubule ubuwena obudala njengengubo endala emdaka. Inkanuko ikungcolisile kwaye yakukhohlisa ekubeni uyinxibe. (*Kanye njengomdlali qonga obenxibe iimpahla ezithile ukutolika indima leyo kufuneka eyitolikile, isimilo sokuzenzisa asisena ndawo!*)

4:23 Yenziwani batsha kwingqondo yenu kamoya! (*Nizikis'ukucinga ngenyaniso ngani nanjengoba iboniswa kuKrestu*) **kuya kunenza niguqulwe kwindlela enicinga ngayo ngeziqo zenu!** (*Qaphela uPawulosi akathi, "Yenzani ntsha ingqondo yenu!" olu guqulo lwenzeka kwingqondo yomoya yakho, evuswa yinyaniso kwelinzulu lona inqanaba kunengqondo yemfundo. Sasoloko sicinga ukuba ulwazi kufuneka luhle ngokuvela entloko ukuya entliziyweni, kanti ke akunjalo ngoba koko kusuka entliziyweni okunyuka kuye entloko. Uthi uYesu kuYohane 7:37, "Ukuba uyakholwa ukuba ndikoko izibhalo zingako konke, uyakufumanisa ukuba*

Isahluko 4

ukoko ndingako konke, kwaye imilambo yamanzi obomi iyakuphokoka kwimibindi yengaphakathi lakho!”

Umoya womntu azange wangcola, kanye njenge 'watermark' (uphawu olo lungabonakali lula) kwimali eliphepha. Imali leyo yayilahlekile zange iphulukane nombhalo lowo wawukuyo futhi nomfanekiso lowo wawukuyo zange ulahleke. [Jonga no]James 3:9] Yaba yingqondo le yagutyungelwa bubumnyama, sasimfamekile emqondweni wethu. Iingcinga zethu zazithotyelwe kwisingqiniso sendawo yenyama, sisazana nje qha emveni kwenyama kwaye elowo ezazi ngokwenyama. Isayas 55:8-11. Akukho sihlava ngolwakhiwo lwethu okanye uhlangulo lwethu, nto kunayo thina saba nemicamango egwenxa. Khon'ukuze iingcinga zethu zihlangulwe kubukhosi bobumnyama, uYesu njengomfanekiso kunye nomfuziselo owenziwe inyama kaThixo wangena kwisihogo esibi sethu futhi wajongana nowakha wakhohlakala umgwebo wethu kunye noloyiko lwethu...wafa ukufa kwethu. Le yimfihlakalo eyayifihlwe ukususela ngamaphakade kunye nezizukulwana ngexa yokuzukiswa kwethu. Sabethelelwa kunye, nto leyo yazisa uvalo kuso nasiphi na isingqiniso ebesinaso ngathi ziqu ngenxa yesiphumo sokuwa kuka-Adam. Lo gama sasifile ezonweni zethu nakukrengo lwethu, uThixo wasivusa kwaye wasiphakamisa kunye futhi wasihlalisa kunye kuKrestu. Ngoku, sonke ngezityhiliweyo iibuso sinokubona uzuko lweNkosi ngongxe kusesipilini. Ze siguqulwe ukusuk'engcambini kumcamango wethu ukuze sifumanise umfanekiso kunye nomfuziselo wakhe uhlangulwe ngokupheleleyo kuthi apha!)

Isahluko 4

4:24 Zifake (*zintywilisele*) wonke kulo mntu mtsha ubunjwe ngokokukaThixo phezulu! Udalwe kumfanekiso nomfuziselo kaThixo. Oku kungako konke ubulungisa kunye nobungcwele benene.

4:25 Ukuzenzisa nokuxokiselana bekuyinxalenye yobomi obudala, ngoku inyaniso ihlala iluvuselelo olungatshintshiyo kwincoko yenu yonke. Sinxulumene omnye komnye kanye njengamalungu ahlukeneyo emzimbeni omnye. (*Oko kuthetha ukuthi ukuqhathana kuziqhatha wena! Inyaniso ifumana umxholo kuKrestu [v 21]*)

4:26 Nokuba ucinga ukuba unozathuzo oluvakalayo, musa ukuwuvumela umsindo ulawule imini yakho! Ukuba ke awuqubisani nawo ngokukhawuleza (*ekukhanyeni komfuziselo kaKrestu kuwe*) liyatshona ilanga kuwe kwaye imini yakho ifane nelinye ithuba ophulukana nalo, apho ubumnyama busebenzisa umsindo ukurhintyela esonweni.

4:27 Nasiphi na isono osivumelayo sisimemo esivulekileyo kuSathana. Sukumnika qonga lakusebenzela.

4:28 Ukuba ubulisela ngaphambili, awuselilo kwakho. Fumana umsebenzi onyanisekileyo apho isiqhamo sokubulaleka kwakho singaba yintsikelelo kwabanye!

4:29 Endaweni yentetho ekrwada, umlomo wakho ngoku ngumthombo wobabalo, uphuma okukhuthazayo nokuvuselelayo kwabaphulaphuleyo.

Isahluko 5

4:30 UMoya oyiNgcwele litywina lomsesane wakho osuka kuThixo ukuqinisekisa ukuba uhlangulwe ukuphila ubomi bakho ekukhanyeni kwemini, nasiphi na isimilo sasebusuku siyamdakumbisa.

4:31 Thabatha esona sikhundla sinokuthi somelele ekuchasaneni nalo lonke uhlobo lwesimilo esigqwethekileyo ebomini bakho. Musa ukuvuma ukuba nolunya, ugqabhuko lweemvakalelo ezikhohlakeleyo nemisindo zingabi nini. Akudingeki ukuba ukhwaze ukuze uviwe (*okanye ubeke inqaku*). Abantu mabazive bekhuselekile kwintetho yenu, kananjalo, ukonyelisa nokuthukisa (*blasphemy*) kungaphandle!

4:32 Vuselelwa kukulunga kunye nobubele, ukuxolelana nokuba uva ukruqukile kwaye udidekile kubonakalisa indlela uThixo asiphathe ngobabalo ngayo kuKrestu.

Isahluko 5

5:1 Xelisana uThixo, niyinzala yakhe. (2Korinte 3:18)

5:2 Ngolu hlobo: uthando lukaKrestu malube bubomi benu; khumbulani indlela owazinikela ngayo kuthi. Uthando lwakhe luyesulela, alubandezwa, kodwa lukhulu. Uthando oluzinikelayo (*oluzincamayo*) luyamkholisa uThixo njengevumba elimnandi lonqulo. (*Luxelisa i-oli engcwele yentambiso nesiqholo sesiqhumiso esinyulu sezinongo, umsebenzi womqholi, ukuba utshiswe phezu kwesibingelelo segolide sesiqhumiso ngaphakathi kwintente yomhlangano. [Ex 37:25-29]*)

5:3 Uthando alunanto yakufana nenkanuko, urhelelyo, okanye ukunyoluka. Ukungabikho kwezi zimilo nkqu nakwindlela enithetha ngayo kubeka umgangatho wogqweso.

5:4 Naluphi na ulwimi olugqwethekileyo, impoxo okanye uqhulwano olunochwiso luphumile emgceni kwaye alunifanelanga, ndaweni yoko futhu nangakumbi umbulelo mawubabale incoko yenu. (*Igama u-morologia, lithetha isimo esonakalisiweyo, intetho ebaxiweyo.*)

5:5 Ubomi bukaKrestu bunika intsingiselo ecace gca kubukumkani bukaThixo. Awunakuphila ubomi bobunxaxha. Ukuhlukumeza abantu ngokukrexeza, ngenkanuko, nokubawa kufana nokunqula umfanekiso wakho ogqwethekileyo, nto leyo ekuko konke ukunqula izithixo.

5:6 Uluthintele naluphi na unxulumano nabo basebenzisa amagama alambathayo ukuhenda,

Isahluko 5

ukungakholwa kuvelisa qwaba inzala yabantu abagqwetha ubume (*uhlobo*) bengqaleko yabo njengabathwali bomfanekiso kaThixo, oku ngokuqinisekileyo akumkholisi uThixo. (*Lo mqolo, uiious tes apeitheias, uguqulwa ngokuthi: ukungakholwa kuvelisa inzala (uhlobo), hayi oonyana abangathobeliyo nanjengoba iinguqulelo ezininzi zifundeka ngolo hlolobo apha! Igama u-orge, lithetha imihlali yengqondo suka kwigama u- oregomai, othetha ukuzinwenwa, ukuzelula ukuze uchukumise okanye ubambe into, ukufikelela emva okanye ukunqwenela into.*)

5:7 Ungakuvumeli ukungakholwa kwabo kukubandakanye kubo.

5:8 Ubufudula upha kuqala, ukhinkxiseleke ebumnyamen'obunye, kodwa ngoku ukukhanya, ubomi bakho buyangqina ukuba ukukhanya kuyalawula.

5:9 Isivuno somoya sokukhanya sibonakala kuko konke okugqwesileyo, okumsulwa kunye nakwimfezeko engenasihla.

5:10 Oku kunika ubungqina obuqinisekileyo kubomi bemihlali kaThixo.

5:11 Ningavumeli nanye into ebomini benu enibandakanya nobumnyama, akukho ngeniso kuyo kuni. Yekani ukukhanya kugxothe kwanto engayintsalela yobumnyama kuni.

5:12 Ukuhleba ngezenzo ezilihlazo ezenziwa ngabantu ekhusini, wobe unika ezo zinto isithuba ezingasifanele.

Isahluko 5

5:13 Ubumnyama buphulukana nobambo phezu koko kuvezwa kukukhanya. Ukukhanya kuyabugxotha ubumnyama.

5:14 Lo ngumyalezo wokukhanya, uKrestu uyakuphaphamisa emnxilweni wokozela kwaye uyakuvusa kungibe wokufa wemifuziselo yeengcinga ezikhobokisiweyo.

5:15 Bubale ngokuncakasana ubomi bakho, isimilo esilumkileyo siyabehlula ubudenge.

5:16 Ubulumko buguqul'ixesha bulenze ithuba kwaye bukukhulule (*ekuduntsuzeni*) kufukuzo.

5:17 Yenza icebokazi lakhe ucamngco lwakho.

5:18 Lo gama iwayini inganiki kuqhawula kubhekephi kububi bemini, umoya wona ngokuqinisekileyo unako! Ziyoliseni ekunxileni ngumoya!

5:19 Thethani ngeendumiso omnye komnye, gqabhukani ngeengoma zobhiyozo (*ezingacwangciswanga phambi kwexesha*), futhi nitsho ngemidumo evuselelwe nguye umoya. Ezintliziyweni zenu mayingaphel'ingoma, qhubekani nokuyichukumisa iNkosi ngeentsebezo zonqulo.

5:20 Kuba nichazwe eGameni likaYesu Krestu, ninako rhoqo ukuphuphuma ngombulelo kuTata, kungakhathaliseke ngezinto zonke ezinehlayo. Anikho phantsi kweemeko, kodwa ningaphezu kweemeko kuba nikuye! (*Igama u-huper uguqulwa ukuthi 'in spite of, 'kungakhathaliseke hayi ngayo yonke*

Isahluko 5

intoni eyenzeka kuwe, kodwa kunjalo, ningaphaya, kwaye ningaphezu, kude lee ekufikelelweni ziimeko! Asibuleli ngayo yonke into njengokuba uninzi lweenguqulelo lusitsho, kodwa 'in spite of everything' akukhathaliseke)

5:21 Nivuselelwengumgqaliselowokungazithandi siqu eniwubone kuKrestu, bonisani intlonelo egqibeleleyo omnye komnye. (*Indlela awazinikela ngayo entandweni kaThixo nakuthi [vesi 2] Jonga amaKol 1:24, Kungako kungekho hlobo lwambandezelo lunakungenelela eluvuyweni lwam. Lonke ubandezeleko endaweni yenu leliny'ithuba nje lokuqinisa kwakho oko kungabe nisilele kuko (emqondweni wenu) weentlungu zikaKrestu endaweni yomzimba wakhe, lowo ulibandla lakhe. (Uphazamiseko lokuba uPawulosi ubandezeleka endaweni yamakholwa ayikokwengeza kwiimbandezelo (kwiintlungu) zikaKrestu — ngonge iintlupheko zikaKrestu endaweni yethu zazingonelanga, kodwa kukugxininisa kwakho nokungqina imfundiso yokungazithandi siqu efinge ulungiselelo lweTestamente Entsha).*

5:22 (*Umtshato ngumfanekiso wokuzinikela kwabo babini omnye komnye*) **bafazi zinikeleni ngokupheleleyo kuwo amadoda enu nanjengoba ninokwenza eNkosini.** (*Khumbulani u-vesi 2: uthando luyesulela, alubandezi, kodwa lukhulu. Uthando oluzinikelayo lukholisa uThixo njengevumba elimnandi lonqulo.*)

5:23 Ngale ndlela kanye uKrestu anika ngayo intsindiso, inkuseleko kunye nogqibelelo ebandleni nanjengoba intloko isenza emzimbeni, indoda iyilonto yonke emfazini wayo.

Isahluko 5

5:24 Ibandla lonwabela uncedo lonke lwezipho ezifezekileyo zosindiso, ngokuzinikela kuKrestu ngokupheleleyo, nkqu nomfazi wonwabela lonke uncedo indoda yakhe elibonisayo ekuzinikeleni kwakhe kuyo.

5:25 Indoda ethanda umfazi wayo ibonisa umfanekiso kaKrestu ethanda ibandla ngokugqibeleleyo, nokuzinikela kwakhe wonke kuthi. *(koku konke okungomshato, ubhiyozela inyathelo lothando, nokuba lusuka kwindoda okanye kumfazi. Oku kuvusa bakala limbi lokuzinikela ngaphaya kwemvakalelo yokuba ngumsebenzi wakho okanye kuqhutywa lulwankwintshana.)*

5:26 UKrestu lilizwi lolwimi lukaThixo, etshone lompi kule ncoko, amazwi akhe othando ayasihlamba kwaye asusa lonke ibala lesono kuthi.

5:27 Olu lwimi lobuhlobo *(dlelwano)* luzisa ibandla *(umfanekiso nomfuziselo wakhe obuyiselweyo)* kuye, koluchwayitileyo ulwamkelo *(vumo)* lwakhe ngaphandle kwalo naluphi na uphazamiso okanye isikhumbuzo semandulo enebibi; akukho mbibi okanye nxeba lohlukumezo lwesono elishiyekayo, limi phambi kwakhe kubumsulwa obungenachaphaza *(1Kumk 6:7)*

5:28 kodwa eyona nto ixabisekileyo inokuzenzela yona, kuthanda umfazi wayo.

5:29 Nanjengoba kungekho namnye ochapukela okanye othiye umzimba wakhe, kodwa ndaweni yoko imizimba yenu niyayikhathalela, niyonga

Isahluko 5

kwaye niyinas. (*Ngoba ikuko konke eninako, aninakuthengisa/tshintshisa ngayo ukufumana entsha, ke yikhathaleleni ngokulungileyo, kujongeni oko niyondla ngako, nohlobo owulolonga ngalo kwaye ngokuthambileyo uwunase xa usentlungwini.*) **Nantsi ke ngoku intsingiselo yomyalezo: ningumzimba kaKrestu, akaniyekeni nje ngembeko, uyachwayita kuni!**

5:30 Siyinyama nethambo lomzimba wakhe, sithwele umfanekiso nomfuziselo wakhe. Sinika uveliso olubambekayo lwakhe.

5:31 Umtshato ubonisa obu bunye: indoda iyakuzahlula kubazali bayo inamathele kumfazi wayo, ke abo babini bahlukeneyo badityaniswe kube mtum-nye ngochazo olutsha. (*Kwangolo hlobo wasenyusela ukusuka kuzalo lwethu lwenyama {njengobuthina bethu}, ekuqondeni imvelaphi yethu kuye. Oku wakungqina kwakho kuzalo lwethu olutsha, kuvuko lwakhe kunye notshintsho lwethu lobuyiselo kubunye besikhundla kunye naye kwezisemazulwini iindawo. Ke, wazisa entsha indibaniselwano yobuhlobo bobunye, uThixo nomntu batyhiliwe kwakho emntwin'omnye.*)

5:32 Imfihlelo yomtshato oyimpumelelo iboniswa kobu bunye bungenakwahlukaniswa buphakathi koKrestu nebandla, njengomfanekiso nomfuziselo kaThixo ohlangulwe emntwini. (*Obu bunye buchaza ngokugqibeleleyo umtshato nebandla.*)

5:33 Ukuqukumbela ke, akukho namnye onesizathu sokuthanda umfazi wakhe kancinane abe ezithanda kakhulu yena

Isahluko 5

siqu, kwangaxesha-nye wonk'umfazi ngoku ukhululekile kwaye exhotyisiwe ngokupheleleyo ukubeka (*ukuzukisa*) indoda yakhe emxhoweni omnye kwanasekuzinikeleni okunye kanye njengebandla lisabela kwinyathelo lothando lukaKrestu. (*Simthanda kuba wasithanda kuqala!* [1Yohane 4:19])

Isahluko 6

6:1 (*Oku kuzinikela[kwababini] omnye komnye kuyaqhubeka kubo bonke ubudlelwane bempilo yokuhlala esingena kuyo kwaye bandisa umtsalane woboniso lobomi bukaKrestu, buqala kanye ekhaya, bufukanywe kulwango olufudumeleyo lwabazali abanothando;*) **indlela abantwana abaphendula ngayo kubazali babo inika ubungqina kubulungisa babo eNkosini.** (*Okungumongo, igama ubulungisa lithetha ngababini abafumana/abaphakamisa/ abaxabisa izinto abafana ngazo (umfuziselo)*)

6:2 Umthetho wokuqala obandakanya ngoko-nangoko ukhuthazo kubude bobomi, ukwisingqiniso kubantwana bebeka (*abazali babo*) **utata nomama wabo.**

6:3 Kokubini umgangatho nobomi bexesha elide emhlabaneni kuchatshazelwa yindlela abantwana abalamana ngayo kubazali babo. (*Ubude bobomi abunantsingiselo ngaphandle kosondelo elikubudlelwane.*)

6:4 Bootata, indima yenu ayikokubacaphukisa abantwana benu (*ngokubanika imithwalo nemisebenzi enzima ukuyithwala*). **Ndaweni yoko vusani ingqondo zabo kwindawo apho kuza kukhokhelela ukuba kuphume konke okulungileyo kubo eNkosini.**

6:5 Ngokulingana, eli bakala lilandelayo libandakanya imo yentliziyo yekhoboka kumnini walo, ngenxa yokuzinikela kwakho kuKrestu, unako ngoku ukunika umqeshi wakho imbeko enyanisekileyo ekwanye kunye nokuzinikela.

Isahluko 6

(Khumbula sithetha kanye intlalo yemihla-ngemihla yebandla, ubomi bukaKrestu bubhiyoza amanyathelo okuqala ekuguquleni impilo yasekuhlaleni!)

6:6 Oku ayikokuzama nje ukubonisa umphambili omhle, ube umva ungathethi loo nto kuba ufuna ukukholisa umqeshi wakho. Okuyintloso ningamakhoboka kaKrestu, nithinjwe ngumnqweno kaThixo ukufumana ukuziveza kuni, ngoku ubomi bobukhoboka buba bubomi bukaKrestu. *(Oko kubizwa ukuba bubomi obuphantsi, ngoku kubonisa obuphakamileyo ubomi.)*

6:7 Nokuba ungothoba isidima kangakanani na umsebenzi, wenze ngentliziyo nangengqondo yakho nanjengoba ubunokwenza eNkosini, ungoyena Mqeshi wakho wenene hayi umntu.

6:8 Yinyaniso eyaziwayo ukuba akwenzeki ukuba izenzo ezintle zingaqapheleki. Akwenzi mahluko nokuba umntu ungokhululekileyo okanye ulikhoboka, sonke isenzo esilungileyo sibonisa ukukholeka kuqwalaselo leNkosi.

6:9 Ukuba unguMqeshi inyathelo lokuqala lothando lisebenza nakuwe ngokufana, indlela ophatha ngayo amakhoboka akho ngembeko endaweni yezigrogriso, nokuba benza izinto ezibubuyatha kugabul'inkungu ngokukhawuleza. Thabathela kuMongameli wakho wasezulwini, akagwebi bantu okanye iimeko ngokukhangela nje umphezulu.

6:10 Elokuphetha ngoko, futhi ngokwesingqiniso sesihloko kunye nomxholo wolu bhalo,

Isahluko 6

ndiya nikhuthaza ukuba nazi amandla wenu kuMongameli, umanyano lwenu naye nguvimba wenu ongapheliyo. (Khumbulani umthandazo wam ngani ekuqaleni kwale ncwadi: Ndithandazela ukuba niqonde ngaphaya koqhathaniso ubukhulu bamandla akhe ngakuthi thina bakholwayo. Ukholo lutyhila ubukhulu bohlobo esincedakala ngalo kuKrestu.

Efe 1:20 Ikwangawo lawo wawakhululayo kuKrestu xenikweni emvusa ekufeni, waze ngonaphakade wamseka emandleni akhe esandla sokunene kwindawo zamazulu.

Efe 1:21 Ngonaphakade wongamele ngaphaya kwawo onke amandla ezilawuli edibene, amagunya, ubukhosi okanye izirhuluneli, uphakanyiselwe kwesiphezulu isikhundla nakuwo onke amagama anothi anikezwe nakubani na kweliphakade okanye kwelizayo ikamva lephakade.

Efe 1:22 Ndifuna niyibone le nto: uthobele onke lamagunya phantsi kweenyawo zakhe. Umi ngobume, endanda intloko namagxa phezulu kwayo yonke into. Uyintloko,

Efe 1:23 ibandla ngumzimba wakhe. Ukuzaliseka kobukho bakhe obuzalisa bonke kubo bonke buhlala kuthi! UThixo akanakuzenza nangakumbi abonakale okanye azioeze ngokuncakasana nangakumbi.

6:11 Zintywilisele lompi kwinkcukacha nakwimbaluleko yelungu ngalinye lesikrweqe sikaThixo (zazise ngokuzixhobisa ngako konke okumelwe/okuboniswa luloyiso lukaThixo kuKrestu). **Nanjengoba yonke inkalo kwisikrweqe sejoni igqibelelisa isinxibo salo sedabi- ukuzixhobisa**

Isahluko 6

khon'ukuze libe nokumelana nalo lonke uhlobo (*lwesicwangciso*) **kunye nobuphamba bengqondo eyawayo enothi ibusebenzise ngokuchasene nalo.** (Igama u-*methodeia*, lithetha ubuphamba [ubuchele baloo nto/kuloo nto], **diabolos**, usuka ku-*dia*, ngenxa yo, & **ballo**, kuwisa phantsi, okanye ukuwa komntu, imo yomntu egwetyiweyo, osoloko eguqulwe ku-'devil'-ongendawo. [Jonga kwa 1Kor 15:47]. Ubomi boluntu bahliselwa ebukhokeni nakwizinga lomhlaba olawulwa ngumphefumlo/nyama ngokuwa kuka Adam, kodwa ngoku uvuswa ebukhosini kwindawo yamazulu apho iinyaniso ngobukho bezomoya bukhona ngalo ulwazi lokuvuka kunye noKrestu. [Jonga amaKol 3:1-11.]

Ngokwasezifundweni zakwalizwi (theology) seza noluvo lokuba 'umntu ngumoni ngemvelo/ndalo' ngonge uluntu luyimpazamo ngokwakhiwa. Kanti ngokwenyani yingqondo egqwethekileyo esayifuzwa ku-Adam, leyo uYesu kwakufuneka esikhulule kuyo. Sasehlukene kwaye silutshaba engqondweni, sisenza imisebenzi yobubi "Ubungqondo benu obunobuqati banahlukanisa kuThixo nakwisimbo sobomi bamatyheneba, iinzima kunye neembulaleko, babuxhaswa ngumthetho wokona nokufa owawuhleli emizimbeni yenu ugcine impembelelo yangaphandle, emgqakhwe kwingaleko yenu, kanye njengentsholongwane ethi inamathele emntwini." Kol 1:21. Akukho nto isikhwasilima ngengqaleko yethu okanye usindiiso lwethu, besicinga kakubi qha thina. [Jonga u- Isa 55:8-11, Efe 4:17, 18 kunye no Efe 2:1-11.]

6:12 Abantu ayilotshaba, (nokuba ingangamadoda, abafazi, abantwana, okanye abazali, amakhoboka, okanye abaqeshi. Kungabe bagcine, imifuziselo

Isahluko 6

yeengcinga [ezinobutshaba] ezivuselelwa ngumthetho ngako ukungakholwa okanye ukungazi kwabo, kodwa) **ukuhlaselana** (ukujolisa komnye) **kukungena kumlo ongenguwo**. Sibonisa igunya loloyiso luka**Krestu** kweyomoya indawo. Simiswe kanye **apho** (ku**Krestu**), **sijolisa** (hlasela) kwimidlalo yengqodo nezakhiwo zobumnyama, **kwiimifuziselo yeengcinga ezinobucawa, kwisimilo esingqangayo nesixhomekekisayo somntu**. (Igama u-**pros**, towards/ kuza ngaku...kuza ngeneno phambi kwaloo nto/ kwalowo..., kulo mxholo lithetha ukuhlabela mgama, ukumatshela phambili, kungabuywa mva. Igama u-**poneros**, rhoqo uguqulelwe 'okubi (okungalunganga)'Eli gama ngenene lithetha ukuzala ngamatyheneba, ziinzima kunye neembulaleko!

[Jonga kuma 1Kor 15:24]. Uqukumbelo olufezekileyo kumsebenzi wakhe wohlangulo lubhiyozelwa ekunikeleni kwakhe esipheleleyo isivuno sobukhosi bakhe ku**Thixo uTata**, ehangise umthetho wemisebenzi obuxhase yonke intsingiselo yolawulo phantsi kokuwa. Oku kubandakanya zonke iziphathimandla, lonke igunya nayo yonke impembelelo yamandla kwimpilo yasekuhlaleni. Ubhangise umthetho wemisebenzi, osuka kwigama u-**katargeo**, suka ku-**kata**, othetha ifuthe, & **argos**, othetha imbuleko, ke ukukhululwa kuwo onke amandla akho okuzama umnyinyiva koko u**Thixo** sele ekugqibelelisile ku**Krestu**. Zonk'iziphathimandla, **arche**, okanye oososikhundla, umz, ikumkani, izirhuluneli, oku kubandakanya nayiphi na inkqubo engqangay, apho omnye aphezulu kunomnye ngesikhundla ngokusekwe phezu kwemisebenzi yabo okanye ukukhethwa. Lonk'igunya, **exousia**, osuka ku-**ek**, obonisa intsukaphi!

Isahluko 6

*mvelaphi kunye no eimi, "Ndinguye;" ngokwa le meko, ngenxa yoko ndinokwenza, ndichazwa koko ndinokwenza ngcono kunawe, kananjalo, ndinegunya phezu kwakho. Lonke uhlobo lwempembelelo yamandla kwimpilo yasekuhlaleni, **dunamis**, othetha amandla, kulo mongo, amadla entando. Lonke ulwakhirwo loburhuluneli kwimpilo yasekuhlaleni luyakuthotyelwa phantsi kobukhosi bobabalo, apho ubomi bukaKrestu bulawula khona. Ubukumkani bukaThixo lulawulo lobomi bukaKrestu emntwini, apho ubulungisa busekwe ekubeni singobani na hayi ngokuphathelene noko sikwenzayo, singobani ngokwenza kukaThixo hayi ukuba singobani ngokwethu ukwenza, ukulunga kobakho hayi nje ukulunga kokwenza. Apho umthetho wemisebenzi wawuqhutywa yimfanelo netyala, owokholo umthetho uqhutywa luthando, [amaRom 3:27, amaGal 5:6, ama 2Kor 10:12], xa bezilinganisa nabo ngokwabo kwaye beziqhathanisa kwangabo, abanawo umqondo.)*

6:13 Kubaluleke kakhulu kananjalo ukuba uzazise ngayo yonke into ephathelene nesikrweqe sikaThixo. Ukulungele ngokupheleleyo ukwehlula ngamandla naluphi na uhlaselo okanye inkcaso ngemini yocelo mngeni, umi ngoloyiso kumhlaba wakho. Iintsuku apho umthetho weenzima, amatyheneba kunye neembulaleko bezilawula ubomi bakho ziphelile! *(Isikrweqe sikaThixo simele oko aziwa ngako uThixo, uloyiso lwakhe luchaza wena. Igama u-poneros, lithetha ububi (evil) ukuzala ziinzima, iimbulaleko, kunye namatyheneba. [Jonga ama 1Kor 15:48]. Imo yomntu eyahliselwayo yashiya uphawu layo ebantwini ngongwe ngabomhlaba, ngoku imo yakhe ehlangulileweyo ingqina*

Isahluko 6

imvelaphi yakhe kuThixo kwaye iphawula ubomi bakhe bezulu. [1Kor 15:49]. Nanjengoba kuqala besichazwa yinyama (umfanekiso wethu womhlaba), ngoku sichazwa ngumoya wethu [umfanekiso wethu wezulu]

6:14 Thabatha indawo yakho: unenyaniso (yokuba ungubani na kuKrestu) ibhinqwe ngokubhijelwa isinqe sakho ngokwebhanti yejoni, ibambe isikrweqe somziba esipheleleyo kunye. (Isinqa sakho ngoku sikhuselwe khon'ukuze utshaba lingaphinde likoyise ngenkanuko nezono zombulo.). Ubulungisa begquma intliziyo yakho njengesikhuseli mbumbulu.

6:15 Nxibani ulangazelelo kunye nentshisakalo yenu ukunxibelela iindaba ezimnandi njengezihlangu zejoni (uliqhelise unyawo lwakho). Vakalisani uxolo, idabi sele lilwiwe kwaye laphunyelelwa!

6:16 Kubaluleke kakhulu ukufaka (ukusebenzisa) ukholo lwakho kanye njengekhaka elilingana nomntu ukugquma umntu wonke kwaye liyakunixhobisa nibe nokucima zonke iintolo ezivuthayo zotshaba ezijoliswe kuni. Eyona ndawo ibonakalayo kuwe, lukholo lwakho qha! (Igama u-*thureos*, lithetha ikhaka elilingana nocango! Ukukholwa kunye noThixo kukhusela umntu wakho wonke, umzimba, umphefumlo kunye nomoya. Jonga kwa 2Korinte 5:7)

6:17 Ukuphonononga ngeenyaniso zobukho bohlangu sisigqubuthelo (sisigqokro) sentloko esikhusela ingqondo yakho, iingcinga

Isahluko 6

ezivuselelweyo zinika ilizwi iLizwi likaThixo—
likrele lakho lomoya eli.

6:18 Umthandazo yintetho eqhubekekayo;
ukuthandaza kumoya kubandakanya lonke
uhlobo lomthandazo, nokuba ngowezicelo,
okanye imibulelo, ukunqula nokuthandazela
bonke baqonde ubumsulwa bobungcwle babo.
Owu, kwaye khumbulani, akudingeki ukuba
nenze konke ukuthetha! Maxesha onke lindelani
ilizwi lomoya. (*Umthandazo ungaphaya lee kunentetho
nje yacalanye.*)

6:19 Esona sicelo sam singxamisekileyo kuthetha
okucacileyo lonke ixesha ndivula umlomo wam
ukuba ndithethe, amazwi am aphiwe uvuselelo,
ngesibindi ndiphimisele imfihlakalo yeendaba
ezilungilelo.

6:20 Ndingunozakuzaku elukhonkxweni
ndibotshelwe (*ngamacathanga*) kulo msebenzi
wokunxibelela ngokyzithemba isithyilelo
seendaba ezilungileyo ngencakasa esiyifaneleyo.

6:21 Ndiyazi ukuba ayoncwadi yeendaba zam le.
Ungxamiseko lwam ayikokuthetha ngam siqu,
kodwa othandekayo umhlobo wam nongumcedisi
othembekileyo uTychicus uyakunigcwalisela
ngenkcukacha (*Ukwangumbhali wale ncwadi.*)

6:22 Kungako ndithumele yena kuni, khon'ukuze
nazi kakuhle ngemicimbi ephathelene nathi futhi
nizibone nichazwe nathi ngokupheleleyo.

6:23 Umthandazo wam ngani bubuzalwane
bemvano yovuyo, nokholo uluthungeke

Isahluko 6

eluthandweni luphokoka kuThixo uTata nakuyo iNkosi uYesu Krestu.

6:24 Imibuliso yobabalo kubo bonke abo babelana ngentshisakalo yethu enganxaxhanga ngoMongameli wethu, uYesu Krestu. Uhlokonywa ku-amen wenu.

(Iingcinga ngokuphathelene nemfazwe yomoya: Thethani kakuhle neYerusalem, nimemeze kuyo, nithi kuzalisekile ukuphuma kwayo umkhosi; nithi, buhlawulelwe ubugwenxa bayo; [Isayas 40:2])

The Message translation: "... isileyiti sosulwe sacoceka, esa siqinisekiso sokusibambisa sacinywa kwaye sabethelwa emnqamlezweni kaKrestu. Wabhunyula bonke oziphathimandla bomoya ehlabathini kwigunya labo elingelilo emnqamlezweni kwaye wabahambisa ze ngezitalato." [Kol 2:14, 15])

Iimfundiso ezingemfazwe yomoya ziluphazamiso oluqhelekileyo olungenelwa ngamabandla amaninzi anamhlanje! Kushumayela uSathan'owoyiswayo ukuba aphinde athabath'indawo kwakhona! U-Faro wasuswa lee ekubalelweni xenikweni uSirayeli ehlangulwa eYiphutha! Ze bona ziqu baba lelona tshaba leempilo zabo ngokuqhubekeka ngokukholelwa ubuxoki ngabo [Jonga iNomeri 13:33 noYoshuwa 2:11]

U-James uthi, ongqondw'imbaxa umntu uzikhohlisa yena!

Nkqu noYesu okanye namnye kwibandla kwincwadi yeZenzo owakha wehl'esenyuka/ejikeleza izixeko ukubopha lowo kuthiwa "ungowomeleleyo umntu/ igorha" okanye ukugalela i-oli phezu kwezakhiwo okanye

Isahluko 6

iindawo! Masivakaliseni kwaye siphile impumelelo yomnqamlezo ngokunesibindi ukuzithemba!

“UYesu egocagocwa ngemibuzo ngabaFarasi, ukuba buya kufika nini na ubukumkani bukaThixo? Wabaphendula, ubukumkani bukaThixo abuzi ngokubala iintsuku zekhalenda.” —uThe Message [Luka 17:20]

Ubukumkani bukaThixo bungaphakathi kuwe! Ubukumkani bukaThixo ligunya lobomi bukaKrestu, ubomi bengaleko yethu buhlangulwe ukuba bulawule kwesona simbo sobomi obunomtsalane noqheleko. Ihlalathi lingabaphulaphuli abasele belungile. Ubomi bakho ngumyalezo, uKrestu bubomi bakho.

